| | English Term | IsiXhosa Equivalent | English Definition | IsiXhosa definition |
|---|---|---|---|---|
| | **A** | | | |
| 1 | Abscissa | abhusisa; isinqamlezisi | 1. The horizontal or x-coordinate of a point in a Cartesian plane. | 1. Ukunqamleza okanye indawo elungeleleneyo engu-x kumgangatho othe tyaba we-Cartesian.<br>umgama ophakathi ko-x no-y. |
| 2 | Absolute frequency<br>Absolute frequency (example of 1) | uphindaphindo olugqibeleleyo | 1. The count or number of individual elements observed in a group or class.<br><br>2. The number of occurrences of an event; for example, in 100 tosses of a die, the absolute frequency of odd numbers may be 47. | 1. Ubalo okanye inani lezakhi ezizimeleyo elibonwa kwiqela okanye udidi.<br><br>2. Inani lezenzeko zesiganeko; umzekelo, kwimijulo eli-100 yedayisi, uphindaphindo olupheleleyo lokwenzeka lwamanani angumqakathi lunokuba ngama-47. |
| 3 | Absolute value | umlinganiselo wesithuba opheleleyo | 1. The distance of a number from 0 on the number line. Absolute values are also called numerical values. | 1. Umgama wenani ukusuka ku-0 kumgca-manani. Amaxabiso apheleleyo nawo kananjalo abizwa amaxabiso amanani. |
| 4 | Accuracy<br><br>Accuracy (example of 5) | ukuchaneka; uchaneko | 1. The degree of closeness between a numerical quantity measured or calculated to its actual value.<br><br>2. The level of accuracy of a measurement is the number of significant digits. | 1. Iqondo lokusondelelana phakathi kobuninzi benani obulinganisiweyo okanye elibalwe ukuya kwixabiso lalo lokwenene.<br><br>2. Umgangatho wokuchaneka komlinganiso linani lemivo ebalulekileyo. |
| 5 | Acute angle | atyhuthi engile; iengile ebazileyo; imbombo ebazileyo | 1. Any angle with measure less than ninety degrees. | 1. Nayiphi na iengile enomlinganiso onganeno kwamaqondo angamashumi asithoba. |
| 6 | Addition | udibaniso; ukudibanisa | 1. A mathematical operation resulting in the sum of two numbers, usually indicated by a plus (+) sign. | 1. Ukubala kwemathematika (kwezibalo) okunesiphumo kudibanoso lwamanani amabini, okuboniswa ngokuqhelekileyo ngophawu lokudibanisa (+). |
| 7 | Additive | isongezo | 1. Relating to addition (adjective). | 1. Ngokunxulumene nodibaniso (isiphawuli) |
| 8 | Additive inverse | Isiguqulisongezo; edithivu invesi | 1. The number or value obtained by change of sign: e.g. +3 and -3; +xy and -xy. | 1. Inani lexabiso elifunyenwe ngokuguqula uphawu: umz. +3 no -3; +xy no -xy |
| 9 | Adjusted variance of the mean | ulungelelaniso lomahluko kumyinge | 1. Variance of sample means from a finite population when sampling without replacement. | 1. Ukungevani kwee-avareji zesampulu evela kwinani lezinto ezinesiphelo xa kuthathwa ilunga lesampulu ngaphandle kokufaka elinye endaweni yayo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 10 | Algebra | aljibhra | 1. The use of symbols, usually letters, to represent numbers so that the numbers can be manipulated without stating their values. | 1. Ukusebenzisa imiqondiso, ngokuqhelekileyo oonobumba, ukumela amanani ukuze amanani abenokusetyenziswa ngobuchule ngaphandle kokuxela amaxabiso awo. |
| 11 | Angle | iengile; imbombo | 1. A structure comprising two rays with a common endpoint. | 2. Isakhiwo esinemigca emibini enencam efanayo. |
| 12 | Approximation | uqikelelo | 2. A near but not exact equality. | 2. Ukulingana okuphantse kufane kodwa hayi ngqo. |
| 13 | Axis | eksisi; umgca ohamba embindini | 2. A line around which a solid rotates. | 2. Umgca lowo isolithi ijikeleza kuwo. |
| | **B** | | | |
| 14 | Bar chart | ibhatshathi | 1. A diagram which consists of vertical rectangular bars. The bars are constructed to have areas that are proportional to the observed frequencies of values in the intervals on which they stand. | 1. Umzobo oquka izitena (iibha) ezimi nkqo ezifana noxande. Izitena zakhiwe ukuba neendawo ezinolwalamano namaxabiso aphindaphindwayo abonwayo kwizikhewu ezimi phewu kwazo. |
| 15 | Bar graph | bhagrafu | 1. A diagram which consists of vertical rectangular bars. The bars are constructed to have areas that are proportional to the observed frequencies of values in the intervals on which they stand. | 1. Umzobo oquka izitena (iibha) ezimi nkqo ezifana noxande. Izitena zakhiwe ukuba neendawo ezinolwalamano namaxabiso aphindaphindiweyo abonwayo kwizikhewu ezimi phezu kwazo. |
| 16 | Base | isisekonani | 1. A number or expression to be raised to a power. In the expression $x^2$, x is the base and 2 is the power. | 1. Inani okanye umboniso wokunyuselwa kuphindaphindo lwenani. Kumboniso we- $x^2$, u-x sisisekelo yaye u-2 kukuziphindaphinda kwenani. |
| 17 | Base | isiseko | 2. The lowest or bottom side of a plane figure, or bottom face of a solid. | 2. Elona cala lisezantsi okanye umphantsi wesazobe esithe tyaba, okanye ubuso bomphantsi wento eqinileyo. |
| 18 | Baseline | isiqalelo; intsusela | 1. A standard used for comparison in a study or an experiment. | 1. Umgangatho osetyenziswayo wokuthelekisa kuphononongo okanye kumfuniselo. |
| 19 | Bias | ukutenxa | 1. Misrepresentation of structure or of measurements | 1. Ukukhetha icala kwisakhiwo okanye umlinganiselo . |
| 20 | Binomial | bhayinomiyali | 1. An algebraic expression with two distinct terms which may not be further simplified. | 1. Umboniso we-aljebra onamabinza amabini acacileyo angenakho ukwenziwa kucalulwa ngaphazu koko. |
| 21 | Binomial | bhayinomiyali | 2. A polynomial with two terms. | 2. ipholinomiyali enamabinza amabini |
| 22 | Binomial approximation | uqikelelo lwebhayinomiyali | 1. Use of a binomial distribution to approximate probabilities in a hypergeometric distribution. | 1. Ukusebenzisa usasazo lwamagama amabini ukusondeza izinto ezinokwenzeka kusasazo lwejometri enkulu. |
| 23 | Binomial coefficient | ibhayinomiyali esisigxina | 1. Any numerical factor that multiplies the successive terms in the expansion of an expression of | 1. Nayiphi na ifektha yenani ephindaphinda amagama alandelelanayo ekwandiseni |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | the form $(x+a)^n$, for integral n, in accordance with the binomial theorem. | imbonakalo yohlobo lwe-(x+a)n, ukwenzela u-n ofunekayo, ngokwetheyorem yamagama amabini. |
| 24 | Binomial distribution | usasazeko lwebhayinomiyali | 1. A statistical distribution giving the probability of obtaining a specified number of successes in a binomial experiment. | 1. Usasazo lwenkcukacha-manani olunika into enokwenzeka yokufumana inani elilodwa lwamalandelelwano kumfuniselo wamabinza amabini. |
| 25 | Binomial process | inkqubo yebhayinomali | 1. A sequence of observations from a binomial distribution. | 1. Ulandelelwano lweziphumo zovavanyo losasazo lwamabinza-mabini. |
| 26 | Bivariate | bhayivariyethi | 2. Consisting of two variables (adjective). | 2. Okunezimeli-manani ezimbini (isiphawuli) |
| 27 | Box-and-whisker plot | umzobo wosasazekomanani | 1. A diagram that is used to illustrate measures of location and spread of a data set against a common axis; e.g. median, quartiles and range. | 1. Umzobo osetyenziswa ukubonisa imilinganiso yendawo nokusasazeka kwedata ebekwe ngokuchasene nomgca oqhelekileyo osembindini; umz.,umbindi, iziqingatha noluhlu. |
| | **C** | | | |
| 28 | Cartesian coordinates | ulwamanisomanani ngokweCartesian | 1. Pairs of numbers that uniquely identify positions of points in a Cartesian plane, usually represented by x and y for horizontal and vertical positions respectively. | 1. Iperi (isibini) yamanani achonga ngokukhethekileyo iincam zeendawo kwisityaba seCartesian, ngokwesiqhelo amelwe ngu-x no-y ukwenzela iindawo ezinqamlezileyo nezimi nkqo ngokulandelelana. |
| 29 | Cartesian plane | isityaba seCartesian | 1. A two-dimensional space whose points are identified by their horizontal and vertical coordinates. | 1. Isithuba semilinganiso emibini eso iincam zaso zichongwa zizilungelelanisi zazo ezinqamlezayo nezimi nkqo. |
| 30 | Case | indibanisela yeenkcukacha | 1. A set of all observations on variables from a single observational unit, e.g. height, weight, age and eye-colour of a particular person. | 1. Isethi yazo zonke iingqwalaselo kwizinto ezitshintshayo ukusuka kwiyunithi eyodwa yokuqwalasela, umz., ubude, ubunzima, ubudala nombala wamehlo omntu othile. |
| 31 | Categorical data | iinkcukacha ezingengomanani | 1. Data values or observations recorded as membership of mutually exclusive categories or classes. | 1. Amaxabiso edata okanye iingqwalaselo ezirekhodwe njengobulungu beendindi okanye imigangatho ekhetheke ngokufanayo. |
| 32 | Census | ubalobantu | 1. An organised process seeking to obtain qualitative or quantitative data from all members of a population. (See sample survey.) | 1. Inkqubo elungiselelweyo efuna ukufumana idata yobulunga okanye yobuninzi ukuvela kuwo onke amalungu abemi. (Jonga isampulu yovavanyo). |
| 33 | Central limit theorem | sentrali-limithi thiyorem; usasazekosampuli oluqhelekileyo | 1. A theorem of statistics which shows that the distribution of the sample means, though each is obtained using observations from the same arbitrary random variable, will tend to follow a normal or Gaussian distribution. | 1. Itheyorem yenkcukacha-manani ebonisa ukuba usasazo lwemindilili yesampulu, nangona nganye ifunyenwe ngokusebenzisa iingqwalaselo ezivela kutshintsho olufanayo |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | This approximation improves as sample size increases. | lokuzithandela olungahlelwanga, iya kuthambekela ukulandela usasazo lwesiqhelo okanye lwe-Gaussian. Olu qikelelo luyaphucuka njengoko isayizi yesampulu isanda. |
| 34 | Centre of symmetry | umbindi wolinganomacala | 1. A point around which a curve is symmetrical. | 1. Incam apho ukujikeleza kwegophe kunamacala alinganayo. |
| 35 | Chi-squared distribution | Chi-sikhwensi distribyushini; usasazekozinkcukacha lweChi | 1. A continuous one-parameter non-symmetric distribution, used in measuring goodness of fit, in hypothesis testing and in obtaining confidence intervals for the variance of a normally distributed random variable. | 1. Usasazo oluqhubekayo lobuninzi obungatshintshiyo lwamacala angalinganiyo, olusetyenziswa ukulinganisa ukulunga kokufaneleka, kwengcinga eyandulela uvavanyo kuvavanyo lwengcinga nasekufumaneni izikhewu zentembeko zokwahlukahlukana kotshintsho lokungevani kwesimeli-manani esinosasazo oliqhelekileyo. |
| 36 | Chord | khodi; umgca ocanda isangqa | 1. The line segment connecting two given points on a circle. | 1. Ilungu lomgca odibanisa iincam ezimbini ezinikiweyo kwisangqa. |
| 37 | Circle | isangqa | 1. The set of all points in a plane at a given distance (the radius) from a fixed point (the centre). | 1. Isethi yazo zonke iincam kwisityaba kumgama onikiweyo (ireyidiyasi) ukusuka kwincam ezinzisiweyo (umbindi). |
| 38 | Circle interior | umphakathi wesangqa | 1. The set of all points interior to a circle, with smaller distance from the centre than the radius length. | 2. Isethi yazo zonke iincam zomphakathi wesangqa, nomgama omncinci ukusuka kumbindi kunobude bereyidiyasi. |
| 39 | Circumference | ubungakanani besangqa | 2. The distance around a circle, the length of the perimeter. | 2. Umgama ukujikeleza isangqa, ubude bomjikelezo. |
| 40 | Class | udidi | 1. A group of observed numerical observations, defined by each of a convenient set of intervals covering the entire range of values. | 1. Iqela lemiqwalaselo yamanani eliqwalaselweyo, elichazwa yesethi nganye encedayo yezithuba eziquka lonke uluhlu lwamaxabiso. |
| | **D** | | | |
| 41 | Data | iinkcukacha | 1. The elements of categorical or numerical information gathered from an experiment, a survey, an observational study or routine record keeping. | 1. Amalungu odidi okanye inani lolwazi oluqokelelwe kumfuniselo, uphando, uphononongo lwembonakalo okanye isiqhelo sokugcina irekhodi. |
| 42 | Data case | indibanisela yeenkcukacha | 1. A set of observations on all the variables obtained from a single observational unit. | 1. Isethi yeembonakalo zazo zonke izinto ezitshintshayo ezifunyenwe kwiyunithi enye yembonakalo. |
| 43 | Data matrix | isakhelo seenkcukacha | 1. A rectangular array of data, one row per observational unit, and one column for each variable. | 1. Uluhlu lwedata olufana noxande, olungumgca omnye ngeyunithi nganye yembonakalo, nentsika enye ngento nganye etshintshayo. |
| 44 | Data set | ingqokelela yeenkcukacha | 1. A set of data, usually consisting of a common set of variables observed on each of the | 1. Isethi yedata, ngokwesiqhelo equka isethi eqhelekileyo yezinto ezitshintshayo eziboniweyo |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | observational units (say n units by k variables). | kwenye nenye yeeyunithi zembonakalo (masithi iiyunithi zika-n nezinto ezitshintshayo zika-k) |
| 45 | Data values | ugcino lweenkcukachamanani | 1. The numerical values of observations which constitute an experiment, survey or observational study. | 1. Amaxabiso amanani eembonakalo akha umfuniselo, uphando okanye uphononongo lwembonakalo. |
| 46 | Datum | iinkcukacha | 1. A single element of categorical or numerical information. | 1. ilungu elinye lodidi okanye inani lolwazi. |
| 47 | Decimal | idesimali | 1. Using the base 10 in the representation of numbers and fractions (adjective). | 1. Ukusebenzisa isisekelo se-10 ukumela amanani namaqhezu/ amaqhekeza (isiphawuli). |
| 48 | Decimal point | ichaphaza ledesimali, desimalipoyinti | 1. The symbol used to separate the integer value from the non-integer value of a real number. The symbol may either be a comma or a dot. | 1. Umqondiso wokwahlula ixabiso le-inteja kwixabiso lenani elingeyiyo i-inteja yenani lokwenene. Umqondiso unokuba yikoma okanye ichaphaza. |
| 49 | Degree | iqondo | 1. The degree of a non-zero monomial is the sum of the exponents of the variables. The degree of a polynomial is the highest degree of any one of its monomial terms. | 1. Iqondo lenani elinye elingengo-ziro sisiphumo somdibaniso wamanani okuphindaphinda atshintshayo. Iqondo lamanani amaninzi lelona qondo liphezulu lalo naliphi na lamagama alo enani elinye le-aljebra. |
| 50 | Denominator | dinomineyitha | 1. The number or expression at the bottom of a fraction or rational expression. The denominator of ¾ is 4. | 1. Inani okanye imbonakalo engaphantsi yeqhezu okanye imbonakalo enengqondo. Idinomineyitha ka-¾ sisi-4. |
| 51 | Dependent variable | diphendentivariyebhuli; isimelinani esixhomekekileyo | 1. The variable of interest, often denoted by y, whose values are assumed partially associated with the values of some observed explanatory variables through a mathematical function. | 1. Umdla otshintshayo, odla ngokuboniswa ngo-y, lowo amaxabiso awo athathwa enxulumene ngenxalenye namaxabiso ezinye izinto ezitshintshayo ezichazayo eziboniweyo ngomsebenzi wemathematika. |
| 52 | Discrete data | iinkcukacha eziqingqekileyo | 1. Data whose values or observations are separate, distinct and therefore countable. | 1. Idata leyo amaxabiso ayo okanye iingqwalaselo zayo zahlukeneyo, zicacile yaye ngako oko zinakho ukubalwa. |
| | **E** | | | |
| 53 | Elementary event | uphawu loluhlu lweziganeko | 1. Any event or subset consisting of only one element from the sample space. | 1. Nasiphi isiganeko okanye isetana yesethi equka ilungu elinye kuphela elivela kwisampulu yesithuba. |
| 54 | Elements | iimpawu | 1. Members of a set or sample space. | 1. Amalungu esethi okanye isithuba sesampulu. |
| 55 | Empty set | iseti engenazimpawu | 1. The empty set is the set that contains no elements. Equivalently called the null set. | 1. Isethi engenanto yisethi engaqulathanga amalungu. Ngokulinganayo ebizwa isethi etshitshisiweyo/ engenanto. |
| 56 | Equation | ikhweyizhini | 1. An algebraic expression that uses an equal sign ("=") to state that two expressions have the same value. | 1. imbonakalo yealjibra esebenzisa uphawu lokulingana ("=") ukuxela ukuba iimbonakalo ezimbini zinexabiso elifanayo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 57 | Equilateral triangle | ekhwilatherali trayiengile; unxantathu olingana nxazonke | 1. A triangle such that all three sides have the same length. | 1. Unxantathu apho onke amacala enobude obufanayo. |
| 58 | Equivalent equations | ii-ikhweyizhini ezilinganayo nxazonke | 1. Equations that have exactly the same set of solutions. | 1. Ii-ikhwezhini ezinesethi efana ngqo yezisombululo. |
| 59 | Error | ukusilela | 1. The difference between some observed value and an estimate or approximation to a typical value associated with the observation, often expressed as an absolute or relative difference. | 1. Umahluko phakathi kwexabiso elithile eliqwalaselweyo neliqikelelwayo okanye elisondezwayo kwixabiso lokwenene elinxulumene noqwalaselo, lidla ngokuboniswa njengomahluko wexabiso elipheleleyo okanye elixhomekekileyo. |
| 60 | Estimate | qikelela; thelekelela | 1. An indicative or typical value of an unknown quantity, based on observed data values. | 1. Ixabiso elibonisayo okanye lokwenene lobuninzi obungaziwa, ngokusekwe kwidata yamaxabiso aqwalaselweyo. |
| 61 | Estimation | uqikelelo; uthelekelelo | 1. The process of using sample data to indicate the value of a parameter for a population. | 1. Inkqubo yokusebenzisa isampulu yedata ukubonisa ixabiso lobuninzi obungatshintshiyo babemi. |
| 62 | Evaluate | qikelela ixabiso; misela ixabiso | 1. To assign known or observed values to variables in an expression in order to find its numerical value. | 1. Ukwabela amaxabiso awaziwayo okanye aqwalaselweyo kwizinto ezitshintshayo kwimbonakalo ngenjongo yokufumana inani lexabiso layo. |
| 63 | Even number | ivininamba; inani elahluleka ngesibini | 1. A number that is divisible by two with zero remainder. | 1.Inani elahlulwa ngesibini elinentsalela enguziro. |
| 64 | Event | iqela ngokweempawu | 1. Any subset of the sample space. | 1.Nayiphi isetana yesethi yesampulu yesithuba. |
| 65 | Experiment | uvavanyo; funisela | 1. A study which has control and comparison of data sources, to allow for data to be observed, collected and analysed, often with a view to obtaining some evidence supporting inferences about possible cause and effect relationships. | 1. Uphononongo olunolawulo nothelekiso lwemithombo yedata, ukuvumela ukuba idata iqwalaselwe, iqokelelwe yaye ihlalutywe, ngamaxa amaninzi ngenjongo yokufumana ubungqina obuthile obuxhasa iintelekelelo malunga nembangi nesiphumo esinokubakhona sonxulumano.( umfuniselo oziphumo zawo zingaqinisekanga) |
| | **F** | | | |
| 66 | Factor | Ifektha; inani elingenayo kwelinye | 1. A value or expression that exactly divides another expression. "2 is a factor of 4" means that 2 divides 4. | 1. Ixabiso okanye imbonakalo ehlula ngqo enye imbonakalo. "U-2 yifektha ka-4" kuthetha ukuba u-2 wahlula u-4. |
| 67 | Factoring | ucwangcisomanani angenayo kwamanye | 1. The act of obtaining factors of a value or expression. | 1. Umsebenzi wokufumana iifektha zexabiso okanye imbonakalo. |
| 68 | Finite | -neempawu eziqingqekileyo | 1. Having a number of elements which can be put in one-to-one correspondence with a terminating set of the natural numbers. | 1. Ukuba nenani lamalungu anokubekwa kukungqinelana kwelungu nelinye enesethi enesiphelo yamanani endalo. |

University of Cape Town · iYunivesithi yaseKapa · Universiteit van Kaapstad
MULTILINGUALISM EDUCATION PROJECT
IPROJEKTHI YEMFUNDO YELWIMI EZININZI
VEELTALIGHEID ONDERWYSPROJEK
PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 72 | First-degree equation | i-ikhweyizhini yeqondo lokuqala | 1. An equation that can be written in the form Ax + By = C; i.e. a polynomial equation of degree 1. | 1. I-ikhweyzhini enokubhalwa ngendlela ethi-Ax + By = C; oko kukuthi., i-ikhweyizhini yamagama amaninzi ealjibra aweqondo loku-1. |
| 73 | Five-number summary | ushwankathelozinkcukacha oluneengongoma ezintlanu | 1. A five-number summary consists of a sample minimum, lower quartile, median, upper quartile and sample maximum. | 1.Isishwankathelo samanani amahlanu siqulathe obona buncinane besampulu, isine esisezantsi, umbindi, isine esiphezu nobona bukhulu besampulu. |
| 74 | Formula | fomyula | 1. A formal mathematical expression of rule or principle. | 1. Imbonakalo okanye umthetho-siseko osesikweni wemathematika. |
| 75 | Formulae | iifomyula | 1. Plural of formula. | 1. Isininzi sefomula. |
| 76 | Frequency | uphindaphindozihlandlo | 1. The number of occurrences of an event. See Absolute frequency, Relative frequency. | 1. Inani lwezenzeko zesiganeko. Jonga ukuphindaphindeka okupheleleyo, ukuphindaphindeka okuxhomekekileyo. |
| 77 | Function | ifankshini | 1. A correspondence between two sets such that each element of the first set (the domain) is assigned to exactly one element of the second set (the range). | 1. Ukungqinelana phakathi kweesethi apho ilungu ngalinye lwesethi yokuqala (ummandla) lisabelwa kwilungu elinye ngqo kwisethi yesibini (uluhlu). |
| | **G** | | | |
| 78 | Geometric distribution | usasazekomathuba empumelelo | 1. The discrete probability distribution for the number of experiments required to achieve the first success in a sequence of independent repetitions of a binary experiment, each with the same probability of success. | 1. Usasazo olulodwa olunokwenzeka lenani lemifuniselo efunwayo ukufikelela impumelelo yokuqala kulandelelwano lweziphindaphindo ezizimeleyo lomfuniselo wamanani amabini, ngamnye unempumelelo efanayo enokwenzeka. |
| 79 | Geometric progression | ulandelelwanomanani ngokwejiyometri | 1. A sequence of numbers whose successive elements differ by a constant multiplier. | 1. Ulandelelwano lwamanani lawo ukulandelelana kwamalungu kwahluka ngesiphindaphindi esingaguqukiyo. |
| 80 | Graph | igrafu | 1. The graph of a function is the set of all points whose coordinates correspond to the function; i.e. the graph of the function f(x) is the set of all points of the form (x, f(x)), where x is an element of the domain of f. | 1. Igrafu yomsebenzi yisethi yazo zonke iincam ezo izilungelelanisi zazo zingqinelana nomsebenzi; oko kukuthi, igrafu yomsebenzi engu-f(x) yesethi yazo zonke iincam zohlobo olungu-(x, f(x)), apho u-x elilungu lommandla ka-f. |
| 81 | Growth curve | igophe elisisibonisikukhula | 1. The curve of a measured characteristic, such as population size, whose values are plotted on a graph as a function of time. See Exponential growth curve, Logistic growth curve. | 1. Uphawu lwegophe elilinganisiweyo, elifana nesayizi yabemi, leyo amaxabiso ayo ayilwe kwigrafu njengomsebenzi wexesha. Jonga igophe lokukhula kwenani lokuziphindaphinda, negophe lokukhula kolungiselelo ngobuchule/ ngengqiqo. |
| | **H** | | | |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 82 | Hexagon | heksagoni; unxantandathu | 1. A six-sided polygon. | 1. Unxaninzi onamacala amathandathu. |
| 83 | Histogram | histogram; igrafu yeenkcukachamanani | 1. A diagram representing the frequency distribution of continuous data grouped by means of class intervals. See also Bar graph or Bar chart. | 1. Umzobo omele usasazo lokuphindaphinda kwedata eqhubekayo ebekwe ngokwamaqela ngendlela yezithuba zodidi. Jonga kananjalo igrafu yezitena okanye ibha-tshathi. |
| 84 | Horizontal line | umgca okhwezayo | 1. A line of the form y = b; i.e. a line with slope 0. | 1. Umgca wohlobo lwe-y = b; oko kukuthi umgca onethambeka u-0. |
| 85 | Hypergeometric distribution | usasazeko oluqingqekileyo | 1. A discrete probability distribution for the number of successes in a sample drawn without replacement from a finite population. | 1. Usasazo olulodwa lokunokwenzeka lwenani lweempumelelo kwisampulu etsalwe ngaphandle kokubuyisela enye endaweni yayo ukuphuma kubemi abanesiphelo. |
| 86 | Hypotenuse | hayiphothenasi; icala elide lonxantathu | 1. The longest side of a right-angled triangle, namely the side opposite the right angle. | 1. Elona cala lide lonxanthathu othe nkqo/ olidolo, oko kukuthi icala elichasene ne-engile elidolo/ ethe nkqo. |
| 87 | Hypothesis | ingcinga engakafezekiswa; ingcinga engakaphuhli | 1. A statement of belief which is intended for testing against incoming sample information. | 1. Inkcazo yenkolo enenjongo yokuvavanya ngokuchasene nesampulu yolwazi olungenayo. |
| 88 | Hypothesis test | uvavanyongcinga engekafezekiswa; uvavanyongcinga engekaphuhli | 1. An instance of hypothesis testing. | 1. Imeko yokuvavanya ingcinga ethathwa njengenyani. |
| 89 | Hypothesis testing | ukuvavanya ingcinga engakafezekiswa; ukuvavanya ingcinga engekaphuhli | 1. A method of making statistical decisions using data of a random sample to accept a specified hypothesis, called the null hypothesis, or to reject it and to prefer an alternative hypothesis. | 1. Indlela yokwenza izigqibo zenkcukacha-manani kusetyenziswa idata yesampulu enganamkhethe ukwamkela ingcinga ethathwa njengenyani echaziweyo, ebizwa ingcinga ethatha njengenyani engenanto/ etshitshisiweyo, okanye ukuyilandula nokukhetha enye ingcinga ethathwa njengenyani. |
| | **I** | | | |
| 90 | Identity | ayidentithi; -ngathandabuzeki | 1. An equation that is always true. Example: 2 x 0 = 0. | 1. Isethi yamanani angu-bi, apho u-b elinani lokwenene yaye u-i ebonisa isikweruthi sika- -1. |
| 91 | Imaginary number | inani elisengqondweni | 1. The set of numbers bi, where b is a real number and i denotes the square root of -1. | 1. I-ikhweyizhini eyinyani ngamaxa onke. Umzekelo: 2 x 0 = 0 |
| 92 | Improper fraction | ifrekshini enentloko enkulu | 1. A fraction whose numerator has a greater value than its denominator. | 1. Isethi yamanani angu-bi, apho u-b elinani lokwenene yaye u-i ebonisa isikweruthi sika- -1. |
| 93 | Inconsistent | -ngangqinelaniyo | 1. An equation or system of equations with no solution, because at least one of the equations contradicts the remaining equations. | 1.Iqhezu elo inyumereyitha yalo inexabiso elikhulu kunelo ledenomineyitha yalo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 94 | Independence | -ngaxhomekeki; -zimelayo | 1. An absence of probability connections between events and/or variables. | 1. I-ikhweyizhini okanye inkqubo yee-ikhweyizhini ezingenaso isisombululo, ngenxa yokuba ubuncinane enye yee-ikhweyizhini iphikisana nee-ikhweyizhini ezishiyekileyo. |
| 95 | Independent | okungangqzulaniyo; okuzimeleyo | 1. In Mathematics, a set of statements, propositions, formulae or terms whose truth or values do not constrain one another in any way. | 1. Ukungabikho kwemidibaniso enokwenzeka phakathi kweziganeko kunye/ okanye izinto ezitshintshayo. |
| 96 | Independent | -zimeleyo | 2. In Statistics, having no probability connections. | 1. KwiMathematika, isethi yeenkcazo, izindululo, iifomula okanye amagama ezo inyani okanye amaxabiso azo enganyanzeli enye kwenye nangayiphi indlela. |
| 97 | Independent events | iziganeko ezizimeleyo; izehlo ezizimeleyo | 1. Events A and B with the property that Pr(A and B) = Pr(A)*Pr(B). Equivalently Pr(A\|B) = Pr(A). | 2. Kwiinkcukacha-manani, ukungabikho kwemidibaniso enokwenzeka. |
| 98 | Independent variables | indiphendentivariyebhuli; izinto ezitshintshayo ezizimeleyo | 1. In Statistics, a set of variables for which joint probability distributions are obtained by products of probability mass functions or probability density functions. | 1. Iziganeko u-A no-B ezinophawu lokuba u- Pr(A and B) = Pr(A)*Pr(B). Ngokulinganayo u-Pr(A\|B) = Pr(A). |
| 99 | Independent variables | ii-indiphendentivariyebhuli; izinto ezitshintshayo ezizimeleyo | 2. Explanatory or predictor variables in a model for a response or dependent variable. | 1. Kwiinkcukacha-manani, isethi yezinto ezitshintshayo ezo umdibaniso wezinto ezinokwenzeka zifunyanwa ngeemveliso zemisebenzi yobunzima obunokwenzeka okanye imisebenzi yobunzulu obunokwenzeka. |
| 100 | Inequality | ulinganiso; ukungalingani. | 1. An algebraic expression that uses one of the four relations "greater than", "less than", "greater than or equal to" or "less than or equal to" to state a connection between the values of two expressions. The solutions of inequalities are intervals. | 2. Izinto ezitshintshayo ezichazayo okanye ezixela kwangaphambili kumzekelo wokusabela okanye into etshintshayo exhomekekileyo. |
| | | | | |
| 101 | Joint variation | ukudibana kwezinto ezitshintshayo | 1. The possible tendency of contrasts between values of one or more variables to be associated with contrasts in other variables. | 1. Ukuthambekela okunokubakhona bezichasi phakathi kwamaxabiso ezinto ezitshintshayo enye okanye ngaphezulu zokuba ziyamaniswe nezichasi kwezinye izinto ezingatshintshiyo. |
| | **K** | | | |
| | | | | |
| | **L** | | | |
| 102 | Least common multiple | esona siphindwa sincinane | 1. The smallest number or simplest expression that is divisible by two or more given numbers or expressions. | 1. Elona nani lincinci okanye eyona mbonakalo ilula eyahluleka ngesibini okanye |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | amanani okanye iimbonakalo ezingaphezulu ezinikiweyo. |
| 103 | Least squares | ulungelelwaniso lweenkcukacha | 1. A criterion which is generally used to fit a specified model to observed data. The criterion minimises the sum of all squared differences between observed and corresponding fitted values based on the model. | 1. Inqobo yokulinganisa esetyenziswa ngokubanzi ukulungela umzekelo ochaziweyo wokuqwalasela idata. Inqobo yokulinganisa inciphisa isiphumo sokudibanisa sayo yonke iimahluko phakathi kwamaxabiso aqwalaselweyo nangqinelanayo alungileyo ngokusekwe kumzekelo. |
| 104 | Legs | imilenze | 1. The two sides of a right-angled triangle that form the right angle. | 1. Amacala amabini onxantathu olidolo abumba iengile elidolo/ethe nkqo. |
| 105 | Like terms | izalathisi ezifanayo | 1. Terms in an expression that have identical variables and powers. In the expression $5x^2 - 3x^2 + 2x$, the first two terms are like terms, and they can be added to yield $2x^2$. | 1. Amagama kwimbonakalo anezinto ezitshintshayo ezifanayo namanani aphindaphindwayo. Kwimbonakalo $5x^2 - 3x^2 + 2x$, amagama amabini okuqala ngamagama afanayo, yaye anokudityaniswa ukunika isiphumo u- $2x^2$. |
| 106 | Linear equation | i-ikhweyizhini yolandelelwano | 1. An equation that can be written in the form Ax + By = C. | 1. I-ikhweyizhini enokubhalwa ngendlela ethi- Ax + By = C. |
| 107 | Linear equation | i-ikhweyizhini yolandelelwano | 2. An equation with all variables having power equal to one: Ax + By +Cz + Dw = E. | 2. I-ikhweyizhini enazo zonke izimeli-manani ezinenani eliphindaphindayo elilingana nesinye: Ax + By +Cz + Dw = E. |
| 108 | Linear function | liniyefankshini; ifankshini yolandelelwano | 1. A function whose graph is a line and can be written in the form f(x) = mx + b. | 1. Ifanskhini leyo igrafu yayo ingumgca yaye inokubhalwa ngendlela engu- f(x) = mx + b. |
| 109 | Linear function | liniyefankshini; ifankshini yolandelelwano | 2. A function of several variables all with power equal to one: f(x,y,z,w) = Ax + By +Cz + Dw. | 2. Ifankshini yezimeli-manani eziliqela zonke ezinenani eliphindaphindayo elilingana nesinye: f(x,y,z,w) = Ax + By +Cz + Dw. |
| 110 | Linear regression | ukuhlehla kolandelelwano; ukubuya umva kolandelelwano | 1. A statistical method which estimates a linear relationship between a dependent variable and one or more explanatory variables. | 1. Indlela yenkcukacha-manani eqikelela unxulumano lomgca phakathi kwento etshintshayo exhomekekileyo nezinto ezitshintshayo ezichazayo enye okanye ezingaphezulu. |
| 111 | Literal equation | litherali ikhweyizhini; i-ikhweyizhini empawuninzi | 1. An equation that contains numbers, constants and at least two variables. | 1.I-ikhweyizhini equlethe amanani, izimeli-manani ezingatshintshiyo kunye ubuncinane nezimeli-manani ezimbini. |
| 112 | Logistic curve | lojistikhikhevu | 1. A graph with an increasing S-curve, obtained from the logistic function f(x) = exp(x)/[1+exp(x)]. The curve initially has exponential growth, followed by a slow growth and finally growth virtually stops. Note that f(x) + f(-x) = 1. | 1. Igrafu enegophe elingu-S elikhulayo, elifunyanwa kwifankshini yolungiselelo lobuchule f(x) = exp(x)/[1+exp(x)]. Igophe ekuqaleni linokukhula kwenani elandisayo, lilandelwa kukukhula |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | okucothayo yaye ekugqibeleni ukukhula kuyamisa ngenyani. Qaphela ukuba u- f(x) + f(-x) = 1. |
| 113 | Logistic growth curve | lojistikhi growuthikhevu | 1. A graph of size against age, that has a similar shape to the logistic function: f(t) = k.exp[(t-a)/b]/.{1+ exp[(t-a)/b]}. | 1. Igrafu yesayizi echasene nobudala, enesimo esifanayo nefankshini yolungiselelo lobuchule: f(t) = k.exp[(t-a)/b]/.{1+ exp[(t-a)/b]} |
| 114 | Lower quartile | ikhwathayili esezantsi | 1. A value which exceeds 25% of all data values, and is less than the remaining 75% of data values. Within an ordered data set of n data values, the lower quartile occupies a rank n/4 from the minimum rank. | 1. Ixabiso eligqitha ama-25% lawo onke amaxabiso edata, yaye linganeno kwamaxabiso edata angama-75% ashiyekileyo. Phakathi kwesethi yedata ehleliweyo yamaxabiso edata angu-n, isine esiphantsi sithatha udidi lwe-n/4 ukusuka kwelona didi luncinci. |
| 115 | Lowest terms | ezona zalathisi zisezantsi | 1. An expression that is written in its simplest or most reduced form. A fraction is in lowest terms when the numerator and denominator have no common natural number factors except 1. | 1. Imbonakalo ebhalwe ngeyona ndlela icacileyo okanye eyona incitshisiweyo. Iqhezu likuwona magama aphantsi xa inyumereyitha nedinomineyitha zingenazo iifektha zenani lendalo eliqhelekileyo ngaphandle kwesi-1. |
| | **M** | | | |
| 116 | Mathematical model | umfuziselo wemathematika | 1. A collection of functions or expressions used to predict behaviours and approximate values of quantities in the world. | 1. Ingqokelelo yemisebenzi okanye iimbonakalo ezisetyenziswa ukuxela kwangaphambili izimilo kunye namaxabiso asondeziweyo obuninzi ehlabathini. |
| 117 | Matrix | isakhelo | 1. A rectangular array of elements displayed in rows and columns and enclosed in square brackets. Matrices facilitate the solution of mathematical operations such as the transformation of coordinates. | 1. Uluhlu olufana noxande lwamalungu aboniswe ngemikrozo neentsika nezivalelwe kwizibiyeli ezizikwere. Izakhelo zilungiselela isisombululo sokubala semathematika ezifana nenguqu yezilungelanisi. |
| 118 | Matrix algebra | isakhelo sealjibhra | 1. A branch of algebra which studies matrices (a plural for matrix). | 1. Isebe lealjibra eliphononongo izakhelo (isininzi sesakhelo). |
| 119 | Mean | umyinge | 1. The arithmetic mean. The mean is the average of a set of numbers or quantities, calculated by dividing their sum by the number of terms. | 1. Umndilili wezibalo. Umndilili yiavereji yesethi yamanani okanye izinto ezininzi, ebalwa ngokwahlula isiphumo sazo sokudibanisa ngenani lamagama. |
| 120 | Mean diameter | umyinge wedayamitha | 1. Average diameter. | 1. Iavereji yedayamitha. |
| 121 | Mean mass | umyinge wobunzima | 1. Average mass. | 1. Iavereji yobunzima. |
| 122 | Measure | umlinganiselo | 1. A system of units. | 1. Inkqubo yeeyunithi. |
| 123 | Measure | linganisela | 2. To describe an object in terms of a number of standard units (verb). | 2. Ukuchaza into ngokwenani leeyunithi ezisemgangathweni (isenzi). |
| 124 | Median | umbindi | 1. The middle value in a set of ranked and ordered data values. The value at which the cumulative | 1. Ixabiso eliphakathi kwisethi yamaxabiso edata abekwe ngeendidi |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | frequency reaches or exceeds 1/2 or 50%. | nahleliweyo. Ixabiso apho ukwenzeka rhoqo okongezelelekayo kufikelela okanye kugqitha isi-1/2 okanye ama-50%. |
| 125 | Median | umbindi wosasazeko | 2. The middle value of a frequency distribution of a variable. The value at which the cumulative probability reaches or exceeds 1/2 or 50%. | 2. Ixabiso eliphakathi losasazeko lokwenzeka rhoqo kwento etshintshayo. Ixabiso apho ukongezeleleka okunokwenzeka kufikelela okanye kugqitha isi-1/2 okanye ama-50%. |
| 126 | Mixed number | inani elingumxube | 1. A number which expresses a value as the sum of an integer and a fraction; 3¾ is a mixed number. | 1. Inani elibonakalisa ixabiso njengesiphumo sokudibanisa i-inteja neqhezu; u-3¾ linani elingumxube. |
| 127 | Monomial | monomiyali | 1. An algebraic expression consisting of a single term of a polynomial; monomials are constants or the products of a constant and one or more variables raised to whole-number powers. | 1. Imbonakalo yealjibra equlethe igama elinye lamagama amaninzi ealjibra; amagama anegama elinye lealjibra zizinto ezingatshintshiyo okanye iziphindaphindo zento engatshintshiyo kwakunye nezinto ezitshintshayo enye okanye ezingaphezulu eziphakanyiswe ukuba ngamanani apheleleyo ngophindaphindo lwamanani. |
| 128 | Multinomial | malthinomiyali | 1. An algebraic expression with more than one term. The binomial is a special case. | 1. Imbonakalo yealjibra enegama egama elingaphezulu kwelinye. algebraic expression with more than one term. Amagama amabini ealjibra yimeko ekhethekileyo. |
| | **N** | | | |
| 129 | Natural logarithm | ilogarithim enesiseko | 1. A logarithm with base e, usually written "ln". | 1. ilogaridhimu enesiseko esingu-e, edla ngokubhalwa ngo-"ln". |
| 130 | Natural numbers | amanani aqhelekileyo | 1. The set {1, 2, 3, …} of all positive whole numbers, also called the Counting numbers. | 1. Isethi {1, 2, 3, …} yawo onke amanani aqhubekayo apheleleyo, abizwa kananjalo Amanani okuBala. |
| 131 | Normal approximation | uqikelelo oluqhelekileyo | 1. Approximating a distribution (such as a binomial, Poisson or hypergeometric distribution) using a normal distribution. | 1. Ukusondeza usasazo (olufana namagama amabini ealjibra, i-Poisson okanye usasazo olugqithisileyo lwejometri) kusetyenziswa usasazo oluqhelekileyo. |
| 132 | Normal distribution | usasazeko oluqhelekileyo | 1. A distribution that is continuous, bell-shaped and symmetrical with a particular functional form. The mean, median and mode are coincident. | 1. Usasazo oluqhubekayo olwakheke njengentsimbi olunamacala alinganayo nohlobo oluthile lokusebenza. Iavereji, umbindi nemo ziziganeko ezenzeka ngaxeshanye. |
| 133 | Normal equation | i-ikhweyizhini eqhelekileyo | 1. An alternative name for equations using the least squares criterion to find the parameters for a linear model. | 1. Elinye igama lee-ikhweyizhini ezisebenzisa ubuncinane inqobo yokulinganisa yezikwere ukufumana ubuninzi |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | obungatshintshiyo bomzekelo womgca. |
| 134 | Normal curve | igophe eliqhelekileyo | 1. A symmetrical bell-shaped curve which represents the probability density function of a normal distribution. | 1. Igophe elakheke njengentsimbi elinamacala alinganayo elimele umsebenzi wobunzulu obunokwenzeka bosasazo oluqhelekileyo. |
| 135 | Notation | izimelimanani; inoteyishini | 1. A system of symbols used to represent mathematical objects and statements. | 1.Inkqubo yeempawu ezisetyenziswa ukumela izinto neenkcazo zemathematika. |
| 136 | Null set | isethi engenanto | 1. The set that contains no elements (empty set). | 1. Isethi engaqulathanga amalungu. (isethi engenanto) |
| 137 | Null hypothesis | ingcinga engekafezekiswa engenanto | 1. A reference hypothesis that may either be accepted or rejected in hypothesis testing. | 1. Ingcinga ethathwa njengenyani yokubhekisa enokwamkelwa okanye ukulahlwa kuvavanyo lwengcinga ethathwa njengenyani. |
| 138 | Numerator | inyumareyitha | 1. The number or expression in the upper part of a fraction. The numerator of ¾ is 3. | 1. Inani okanye imbonakalo kwinxalenye engentla yeqhezu. Inyumereyitha ka-¾ sisi-3. |
| 139 | Numerical coefficient | inani lophindaphindo olusisigxina | 1. A constant that multiplies a term. In the expression $5x^2$, 5 is the numerical coefficient of $x^2$. | 1. Into engaguqukiyo ephindaphinda igama. Kwimbonakalo engu- $5x^2$, u-5 linani elandisayo lika-$x^2$. |
| 140 | Numerical value | ixabiso kwinani | 1. The number obtained for an expression when numbers are substituted for all variables. | 1. Inani elifunyenweyo lwembonakalo xa amanani ethathelwa indawo zizo zonke izinto ezitshintshayo. |
| | **O** | | | |
| 141 | Obtuse angle | obtusiengile | 1. Any angle with measure greater than 90 degrees. | 1. Nayiphi i-engile enomlinganiso ongaphezulu kwamaqondo angama-90. |
| 142 | Observations | -qwalaselweyo; -qatshelweyo | 1. Particular values taken by random variables. | 1. Amaxabiso athile athathwe yizimeli-manani ezingenamkhethe. |
| 143 | 0bserved frequencies | uphindaphindo oluqwalaselweyo; uphindaphindo oluqatshelweyo | 1. The actual counts of data values belonging to each cell of a table or a contingency table. See Absolute frequency. | 1. Izibalo ngqo zamaxabiso edata ezeseli nganye kuludwe okanye uludwe lwento enokwenzeka. Jonga uphindaphindo olupheleleyo. |
| 144 | Observed number | inani eliqwalaselweyo; inani eliqatshelweyo. | 1. The recorded number of occurrences or outcomes of an experiment. | 1. Inani elirekhodiweyo lezehlo okanye iziphumo zomfuniselo. |
| 145 | Observed range | umgama oqwalaselweyo, umgama oqatshelweyo | 1. The range of the observed values of a variable. | 1. Uluhlu lwamaxabiso aqwalaselweyo kwisimeli-manani. |
| 146 | Observed value | ixabiso eliqwalaselweyo; ixabiso eliqatshelweyo | 1. An actual value obtained from a random variable. | 1. Ixabiso ngqo elifunyenweyo kwisimeli-manani esingenamkhethe. |
| 147 | Odd number | inani elingumnqakathi | 1. An integer which is not divisible by 2. | 1. I-inteja engenakwahlulwa ngo-2. |
| 148 | One-sided alternative | imbono ecalanye | 1. Values associated with rejecting the null hypothesis, defined by a single inequality. See Two-sided alternative. | 1. Amaxabiso ayamaniswa nokulahla ingcinga ethathwa njengenyani etshitshisiweyo, echazwa ngokungalingani okunye. |
| 149 | One-to-one function | Inani elimsebenzi ikukukhupha isiphumo | 1. A function f(x) such that for each value y of the range, there is | 1.Umsebenzi we- f(x) njengoko kwixabiso ngalinye loluhlu u-y, akukho xabiso |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | esinye; uphawu olungucalanye | one unique value x of the domain that corresponds to y. | lilodwa elingu-x lommandla ongqinelana no-y. |
| 150 | Ordered pair | isibini esihleliweyo | 1. A set of two numbers (x, y), often as represented by a point on the coordinate plane. | 1. Isethi yamanani amabini u-(x, y) idla ngokuboniswa ngencam kwisityaba sesilungelelanisi. |
| 151 | Ordinate | isilungelelanisi | 1. The y-coordinate, or second coordinate, of an ordered pair. | 1. I-coordinate engu-y, okanye i-coordinate yesibini yeperi ehleliweyo. |
| 152 | Origin | isiqalo | 1. The point (0, 0) that corresponds to the intersection of the x-axis and y-axis. | 1. Incam u- (0, 0) engqinelana nokunqamlezana kwe-eksis u-x ne-eksis u-y. |
| 153 | Outcome | isiphumo | 1. The result of an experiment or a situation of uncertainty. | 1. Isiphumo somfuniselo okanye imeko yokungaqiniseki. |
| 154 | Outlying values | amanani ahluke gqathu kwamanye | 1. Values which are far removed from other values in a set of data, either by being unusually small or large. See Outlier. | 1. Amaxabiso asuke kanobom kwamanye amaxabiso kwisethi yedata, mhlawumbe ngokubamancinci okanye makhulu ngokungaqhelekanga. Jonga ukuba kude nombindi. |
| 155 | Outlier | awuthilaya; inani elahluke lodwa kwamanye | 1. An observation value which is far from other values in a set of data. | 1. Ixabiso lokuqwalasela elikude namanye amaxabiso kwisethi yedata. |
| 156 | Outlier | awuthilaya; inani elahluke lodwa kwamanye | 2. A value in one of the narrow tails of a probability distribution. | 2. Ixabiso kwelinye lemisila ecuthekileyo yosasazo lento enokwenzeka. |
| | **P** | | | |
| 157 | Parabola | pharabhola (igophe elingu-U kwigrafu) | 1. The graph of a quadratic equation. | 1. Igrafu ye-ikhweyizhini yexande/ isikwere. |
| 158 | Parallel lines | imigca enxuseneyo | 1. Two lines with the same slope; i.e. if two parallel lines intersect, they are the same line. | 1. Imigca emibini enethambeka elifanayo;oko kukuthi ukuba imingca enxuseneyo iyanqamleza, ngumgca ofanayo. |
| 159 | Parallelogram | pharalelogram | 1. A four-sided figure with opposite pairs of sides parallel. | 1. Isazobe esinamacala amane neeperi ezichaseneyo zamacala anxuseneyo. |
| 160 | Parameter | pharamitha | 1. A value that partially characterises a specified population, usually unknown or estimated from data. | 1. Ixabiso elifanekisa inxalenye yabemi abachaziweyo, ngokuqhelekileyo ngokungaziwa okanye ukuqikelelwa kwidata. |
| 161 | Peak | incopho | 1. The highest point of a graph. | 1. Eyona ncam iphezulu yegrafu. |
| 162 | Pentagon | phentagoni; unxantlanu | 1. A five-sided polygon. | 1. Ipholigoni enamacala amahlanu. |
| 163 | Percent | pesenti | 1. Parts per hundred. | 1. Iinxalenye ngekhulu. |
| 164 | Percentage | pesenteji | 1. The proportion or part of a whole expressed with a denominator of 100. | 1. Ulwalamano okanye inxalenye yento epheleleyo ebonakaliswa ngedinomineyitha eli-100. |
| 165 | Percentile | pesentayili | 1. A value of a random variable that marks the location of an integral percentage of the cumulative distribution. | 1. Ixabiso lesimeli-manani esingenamkhethe esiphawula indawo yepesenteji efunekayo yosasazo olongezelelekayo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 166 | Perfect square | isikwere esifezekileyo | 1. A number that is the square of a positive integer. The numbers 4, 9, and 16 are perfect squares. | 1. Inani elisisikwere se-inteja eqhubekayo. Amanani isi-4, 9, ne-16 zizikwere ezifezekileyo. |
| 167 | Permutation | phemyuteyishini; inguqulo kudweliso | 1. An ordered arrangement of a specified number of objects. | 1. Ucwangciso oluhlelekileyo lwenani lezinto ezichaziweyo. |
| 168 | Perpendicular lines | imigca ephephendityhula | 1. Two lines that intersect at a right angle. | 1. Imigca emibini eyenze iengile engu 90º. |
| 169 | Pie chart | igrafu esisangqa; phayitshathi | 1. A circular diagram with sectors whose areas are proportional to the frequencies of categories in a data set. | 1. Umzobo osisazinge onamacandelo lawo imimandla yawo ilulwalamano lobuninzi bophindaphindo lweendidi kwisethi yedata. |
| | **Q** | | | |
| 170 | Quadrant | khwadranti | 1. One of four regions separated by the x- and y-axes of a rectangular coordinate system. | 1. Omnye wemimandla emine eyahlulwe ngee-asi u-x no-y zenkqubo yezilungelanisi ezifana noxande. |
| 171 | Quadrat | khwadrathi | 1. A unit of area defined to partition a plane surface into parts of equal extent. | 1. Iyunithi ye-eriya eyenziwe ukwahlula umphezulu wesityaba ukuba ziinxenye zobukhulu obulinganayo. |
| 172 | Quadratic equation | khwadrathikhi ikhweyizhinii | 1. A polynomial equation of the second degree: e.g. $ax^2 + bx + c = 0$, where a is not zero. | 1.I-ikhweyizhini yamagama amaninzi e-aljebra yeqondo lesibini: umz., $ax^2 + bx + c = 0$, apho u-a is engenyuye uziro. |
| 173 | Quadrilateral | khwadrilatherali | 1. A four-sided polygon. | 1. Ipholigoni enamacala amane. |
| 174 | Qualitative variable | iinkcukacha ezingengomanani | 1. A categorical variable, in contrast to a numerical variable. | 1. Into etshintshayo ngokupheleleyo, ngokuchasene nento etshintshayo yamanani. |
| 175 | Quantitative data | iinkcukacha ezingamanani | 1. Data derived from counts or measures. | 1. Idata evela kwizibalo okanye imilinganiso. |
| 176 | Quantity | ubungakanani | 1. Number or amount or extent. | 1. Inani okanye ubungakanani okanye ubukhulu. |
| 177 | Quartile | khwathayili | 1. Any of the three values which divide a ranked and ordered data set into four equal parts. | 1. Naliphi lamaxabiso amathathu ahlula isethi yedata ebekwe ngodidi nohlelo kwiinxenye ezine ezilinganayo. |
| 178 | Quota sampling | ucaphulo lwesampuli | 1. A method of non-random sampling, widely used in opinion polling or market research, which targets specified numbers of subjects with particular characteristics. | 1. Indlela yokuthatha isampulu engeyiyo engenamkhethe, esetyenziswa ngokubanzi kuvoto lwezimvo okanye uphando lwentengiso, olujolisa kumanani achaziweyo abantu abaneempawu ezithile. |
| 179 | Quotient | isiphumo solwahlulo; khowushiyenti | 1. The result of the division of one number or expression by another. | 1. Isiphumo sokwahlula inani elinye okanye imbonakalo ngelinye. |
| | **R** | | | |
| 180 | Radical | radikhali; ingcambu | 1. A root. | 1. Ingcambu. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 181 | Radical expression | radikhaliekspreshini | 1. An expression containing one or more radicals. | 1.Imbonakalo equlethe iimpawu zengcambu enye okanye ngaphezulu. |
| 182 | Radical sign | uphawu lweradikhali; uphawu lwengcambu | 1. The symbol used to denote a root or the operation of taking a root. | 1. Uphawu olusetyenziswa ukubonisa ingcambu okanye ubalo lokuthatha ingcambu. |
| 183 | Radicand | radikhendi | 1. The number or quantity from which a root is to be extracted. The radicand is usually preceded by a root sign. | 1. Inani okanye ubuninzi okukhutshwa kubo ingcambu. I-radicand idla ngokwandulelwa luphawu lwengcambu. |
| 184 | Radius | reyidiyasi; umakhasangqa | 1. The common distance from any point on the circumference of a circle to the centre. | 1. Umgama oqhelekileyo ukusuka nakweyiphi incam kwisazinge sesangqa ukuya embindini. |
| 185 | Ratio | umlinganiselo; reyishiyo | 1. The quotient of two values or expressions of like units. | 1. Isiphumo solwahlulohlulo samxabiso okanye iimbonakalo ezimbini zeeyunithi ezifanayo. |
| 186 | Rational numbers | amanani ereyishiyo | 1. The set of numbers that can be expressed as a ratio p/q where p and q are integers and q is not equal to zero.<br>Irational: Pi = 3.1415289…..<br>√2 = 1.41……. | 1. Isethi yamanani anokubonakaliswa njengokwalamana kuka-p/q apho u-p no-q izii-inteja yaye u-q akalingani noziro. |
| 187 | Rationalise | Rashinalayiza; guzula idinomineyitha | 1. To simplify a radical expression in order to remove the radical sign, but without changing its value. | 1. Ekwenzeni lula imbonakalo enophawu lwengcambu ngenjongo yokususa uphawu lwengcambu, kodwa ngaphandle kokutshintsha ixabiso layo. |
| 188 | Ray | reyi; umgca olutolo | A portion of a line having one endpoint and then going off to infinity. | Inxalenye yomgca enencam enye yesiphelo ze iqhubeke ngokungenasiphelo. |
| 189 | Reading | uphicotho | 1. The precise figure observed on a measurement instrument. | 1. Isazobe ngqo esiqwalaselwe kwisixhobo somlinganiselo. |
| 190 | Real numbers | amanani apheleleyo; amanani obalo | 1. The set of all positive and negative integers, rationals and irrationals. | 1. Isethi yazo zonke ii-inteja eziqhubekayo nezirhoxayo, ezinengqiqo nezingenayo ingqiqo. |
| 191 | Reciprocal | utshintshiselwanomanani; resiprokhali | 1. The result of interchanging the numerator and the denominator of a fraction. The reciprocal of any number a is 1/a. See Inverse. | 1. Isiphumo sokutshintshiselana kwenyumereyitha nedinomineyitha yeqhezu. Ukufana macala kwalo naliphi inani u-a ngu-1/a. Jonga uMguqulelwa. |
| 192 | Reduced form | unciphisomo | 1. A fraction in lowest terms; i.e. such that the numerator and denominator share no common factor. | 1. Iqhezu ngezona ndlela ziphantsi; oko kukuthi njengoko inyumereyitha nedinomineyitha zingabelani ngefektha efanayo. |
| 193 | Regression | irigreshini | 1. A relationship between a dependent variable and one or more independent or explanatory variables. | 1. Unxulumano phakathi kwento etshintshayo exhomekekileyo kunye nezinto ezitshintshayo enye onkanye ngaphezulu ezizimeleyo okanye ezichazayo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 194 | Regression model | imodeli yerigreshini | 1. A mathematical expression describing how explanatory variables affect a response variable. | 1. Imbonakalo yemathematika echaza ukuba izinto ezitshintshayo ezichazayo zikuchaphazela njani ukusabela kwento etshintshayo. |
| 195 | Rejection region | irijekshinrijini | 1. The set of values of a hypothesis test statistic for which the null hypothesis is rejected. | 1. Isethi yamaxabiso yovavanyo lwenkcukacha-manani lwengcinga ethathwa njengenyani oluya kulahla ingcinga ethathwa njengenyani etshitshisiweyo. |
| 196 | Relation | unxulumano; ubudlelane | 1. A set of ordered pairs (x, y), which often denotes a relationship between x and y. For instance, the relation x=y denotes the set of all ordered pairs of the form (x, x). | 1. Isethi yezibini ezihleliweyo u-(x, y), ezidla ngokubonisa unxulumano phakathi kuka-x no-y. Ukwenza umzekelo, unxulumano lokuthi x=y lubonisa isetho yazo zonke izibini ezihleliweyo zohlobo luka-(x, x). |
| 197 | Relative frequency | izihlandlo zonxulumano | 1. The ratio of the number of successes to the total number in a sample. | 1. Ulwalamano lwenani lweempumelelo ukuya kwinani lilonke kwisampulu. |
| 198 | Representative | umelo | 1. The ratio of the number of successes to the total number in a sample. | 1. Ulwalamano lwenani lweempumelelo ukuya kwinani lilonke kwisampulu. |
| 199 | Representative sample | isampulu yomelo | 1. Assuming the value or values of a particular set or population. | 1. Ukuthatha njengenyanis ixabiso okanye amaxabiso kwisethi ethile okanye abemi. |
| | **S** | | | |
| 200 | Sample | isampulu; isivandlakanyi | 1. A subset of a population selected in order to make inferences about the entire population. | 1. Isetana yesethi yabemi abakhethiweyo ukuze kwenziwe iintelekelelo malunga nabemi bebonke. |
| 201 | Sample correlation coefficient | isampulu yonxulumano esisigxina | A sample statistic that measures the degree of linear association between two random variables. | Isampulu yemilinganiso yenkcukacha-manani elinganisa amaqondo onxulumano lomgca phakathi kwezinto ezimbini ezitshintshayo ezingenamkhethe. |
| 202 | Sample maximum | inani elikhulu kwisampuli | 1. The maximum value of a numerical variable in a sample. | 1. Elona xabiso liphezulu lenani elitshintshayo kwisampulu. |
| 203 | Sample mean | umyinge wesampuli | 1. The sample average of a sample, obtained by dividing the sum of numerical values of a variable in a sample by the sample size. | 1. Isampulu yeaverejei yesampulu, efunyenwe ngokwahlula umdibaniso enani lamaxabiso ento etshintshayo kwisampulu [ngesayizi yesampulu]. |
| 204 | Sample size | ubungakanani besampuli | 1. The number of items or observations that constitute a sample. | 1.Inani lezinto okanye iingqwalaselo ezakha isampulu. |
| 205 | Sample space | iintlobo zeziphumo kwisampuli | 1.The set of all possible outcomes of a repeatable experiment. | 1.Isethi yazo zonke iziphumo ezinokubakhona zomfuniselo ophindekayo. |
| 206 | Sample space | zonke iintlobo zeziphumo kwisampulu | 2. The range of values of a random variable. | 2. Uluhlu lwamaxabiso ento etshintshayo engenamkhethe. |
| 207 | Signed number | sayinidinamba | 1. A number indicating both a quantity and a direction (either positive or negative). | 1. Inani elibonisa zombini ubuninzi nomyalelo (nokuba |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | liyaqhubeka okanye liyarhoxa). |
| 208 | Subset | isetana | 1. Any set made up of the members of a specified set. The set A is a subset of B if every element of A is also one of the elements of B. | 1. Nayiphi isethi eyenziwe ngamalungu esethi echaziweyo. Isethi u- A yisetana yesethi u- B ukuba onke amalungu ka- A kananjalo ngamalungu ka-B. |
| 209 | Substitution | utshintsho | 1. Replacement of variables by their values or by equivalent expressions, usually followed by collection of terms and simplification. | 1. Ukubuyisela izimeli-manani ngamaxabiso azo okanye ngeembonakalo ezilinganayo, kudla ngokulandelwa yingqokelela yamagama e-aljebra nokwenza lula. |
| 210 | Subtract | thabatha | 1. Add the additive inverse, e.g. a-b = a+(-b). | 1. Dibanisa umguqulelwa wokudibanisa, umz., a-b = a+(-b). |
| 211 | Subtraction | ukuthabatha | 1. Addition of the additive inverse. | 1. Ukudibanisa umguqulelwa wokudibanisa. |
| 212 | Sum | isam; isiphumo sokudibanisa | 1. An outcome of an addition of expressions or values. | 1. Isiphumo somdibaniso wembonakalo okanye amaxabiso. |
| 213 | Summation | ukudibanisa | 1. Addition of a set of numbers or expressions. | 1. Ukudibanisa isethi yamanani okanye iimbonakalo. |
| 214 | Supplementary angle | saplimentaliengile | 1. Any two angles whose measures sum to 180 degrees. | 1.Nazipi ii-engile ezimbini ezo umdibaniso wemilinganiso yazo ingamaqondo ali-180. |
| 215 | Slope | ithambeka | 1. The ratio of vertical to horizontal change between any 2 points along the graph of a line. | 1. Ukwalamana kwenguqu yokuthi nkqo nokunqamleza phakathi kweencam ezi-2 ukuhamba nomgca wegrafu. |
| | **T** | | | |
| 216 | Tangent | thanjenti | 1. A line intersecting a curve at exactly one point inside a subset of the curve. | 1. Umgca othintela igophe ngqo kwincam enye ngaphakathi kwesetana yesethi yegophe. |
| 217 | Term | themu; igama | 1. A value or expression involving signed numbers, variables and powers, intended to signify a single mathematical entity. (See Expression.) | 1. Ixabiso okanye imbonakalo ebandakanya amanani asayiniweyo, izimeli-manani namani ophindaphindo, ngenjongo yokuphawula into enye yemathematika. (Jonga imbonakalo). |
| 218 | Test statistic | uvavanyo lweenkcukachamanani | 1. A statistic whose value is used in hypothesis testing to decide between a null hypothesis and an alternative hypothesis. | 1. Inkcukacha-manani leyo ixabiso layo lisetyenziswa kuvavanyo lwengcinga eyandulela uvavanyo ukuthatha isigqibo phakathi kwengcinga ethathwa njengenyani etshitshisiweyo nenye ingcinga eyandulela uvavanyo yakuqala. |
| 219 | Theorem | thiyorem | 1. A mathematical statement or rule whose truth is deduced and proved from axioms, either directly or indirectly through prior theorems. | 1. Inkcazo yemathematika okanye umthetho lowo inyaniso yawo ithathwa yaye ingqinwa ziintetho ezithathwa njengenyaniso, nokuba ngokungqalileyo okanye ngokungangqalanga |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | ngeetheyorem zangaphambili. |
| 220 | Triangle | trayiengile; unxantathu | 1. A three-sided polygon. | 1.Ipholigoni enamacala amathathu. |
| 221 | True mean | umyinge wokwenene | 1. The population mean. (In contrast with Sample mean.) | 1. Umndilili wamalungu. (Thelekisa [nomndilili wesampulu]) |
| 222 | True value | ixabiso lokwenene | 1. An actual value. | 1. Ixabiso lokwenene. |
| 223 | Type I error | imposiso yohlobo loku1 | 1. The mistaken rejection of the null hypothesis in a hypothesis test, when that hypothesis is in fact true, and should be accepted. | 1. Ukulahla ngempazamo ingcinga eyandulela uvavanyo etshitshisiweyo kuvavanyo lwengcinga ethathwa njengenyani, xa loo ngcinga eyandulela uvavanyo ezinyanisweni iyinyani, yaye kufuneka yamkelwe. |
| 224 | Type II error | imposiso yohlobo lwesi2 | 1. The mistaken acceptance of the null hypothesis in a hypothesis test, when that hypothesis is false, and should be rejected. | 1. Ukwamkela ngempazamo ingcinga eyandulela uvavanyo etshitshisiweyo kuvavanyo lwengcinga yokuqala, xa loo ngcinga eyandulela uvavanyo ibubuxoki, yaye kufuneka ilahlwe. |
| 225 | Transversal | transvesali; nqamlezayo | 1. Any line that intersects another line or collection of lines. | 1.Nawuphi umgca onqamlez omnye umgca okanye ingqokelela yemigca. |
| 226 | Trapezoid | traphizoyidi | 1. A quadrilateral with at least one set of opposite sides in parallel. | 1. Umacalamane (i-quadrilateral) onobuncinane isethi enye yamacala achaseneyo. |
| 227 | Treatment | ulawulo; usetyenzo | 1. A condition that researchers can selectively administer to randomly chosen experimental units or subjects in an experimental study. The intention of the study is to make inferences about the efficacy of the treatment in achieving desired changes. | 1. Imeko leyo abaphandi banokuyilawula ngokukhethayo ukukhetha ngokungenamkhethe iiyunithi okanye abalingwa kuphononongo lomfuniselo. Injongo yophononongo kukwenza iintelekelelo malunga nokusebenza ngempumelelo konyango ekufikeleleni iinguqu ezinqwenelwayo. |
| | **U** | | | |
| 228 | Unconditional probability | okunokwenzeka okungathandabuzekiyo | 1. The probability of occurrence of an event, assuming no other information is given. | 1. Ithemba lokungathi isiganeko singenzeka, xa kuthathwa ukuba alukho olunye ulwazi olunikiweyo. |
| 229 | Undefined | okungachazwanga | Having a quantity that is not defined or does not exist | |
| 230 | Union | umanyano | 1. The union of sets A and B is the set of all elements that are either in A or in B or in both A and B. | 1. Umanyano lweesethi A no-B yisethi yawo onke amalungu akhona nokuba kuku-A okanye ku-B okanye kuzo zombini u-A no-B. |
| 231 | Universal set | iseti jikelele; iseti ephangaleleyo | 1. The set of all elements assumed to be relevant in a given context. | 1. Isethi yawo onke amalungu athathwa |

MULTILINGUALISM EDUCATION PROJECT
IPROJEKTHI YEMFUNDO YELWIMI EZININZI
VEELTALIGHEID ONDERWYS PROJEK
PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | efanelekile kwimeko enikiweyo. |
| 232 | Upper quartile | ikhwathayili engaphezulu | 1. A value which exceeds 75% of all data values and is less than the remaining 25% of data values. Within an ordered data set of n data values, the lower quartile occupies a rank n/4 from the maximum rank. | 1. Ixabiso eligqitha ama-75% awo onke amaxabiso edata, yaye linganeno kwamaxabiso edata ashiyekileyo angama-25%. Phakathi kwesethi yedata ehleliweyo yamaxabiso edata angu-n, isine esisezansi sithathe udidi lwe-n/4 ukusuka kolona didi luphezulu. |
| | **V** | | | |
| 233 | Value | ixabiso; velyu | 1. A number, obtained by observation or substitution. | 1. Inani, elifunyenwe ngokuqwalasela okanye ngokuthathela indawo. |
| 234 | Variability | variyebhilithi; ukwahlukana kwamanani | 1. The spread of values in a variable or a probability distribution. | 1. Ukwendlaleka kwamaxabiso kusasazo lwesimeli-manani okanye enokwenzeka. |
| 235 | Variable | variyebhuli; isimelimanani | 1. A letter that represents an arbitrary numerical value. | 1. Unobumba omele ixabiso lenani lokuzithandela. |
| 236 | Variance | variyensi; uhlengahlengiso locwangciso | 1. A measure of statistical dispersion of a variable, namely the average of the squared deviations of its many values from their expected value. | 1. Umlinganiso wosasazo lwenkcukacha-manani lwento etshintshayo, kukuthi umndilili weziphambuko ezisikwere zamaxabiso amaninzi ukusuka kwixabiso lawo elilindelekileyo. |
| 237 | Variation | variyeyishini; ukutshintshatshintsha | 1. Contrasting appearances and measures. | 1.Thelekisa iimbonakalo nemilinganiso. |
| 238 | Vector | vektha; | 1. An array indicating a distance and direction in n-dimensional space. | 1.Uluhlu olubonisa umgama nomyalelo kwisithuba somlinganis ongu-n. |
| 239 | Venn diagram | isazobe sikaVenn; idayagram kaVen | 1. A diagram representing a universal set and mathematical relationships between subsets, by means of overlapping regions within a rectangular figure. | 1. Umzobo omele isethi jikelele nonxulumano lwemathematika phakathi kweesetana zesethi, ngendlela yokuqabelana kwemimandla phakathi kwesazobe esifana noxande. |
| 240 | Vertex | incopho; ivetheksi | 1. The endpoint of an edge of a polygon. | 1. Incam yesiphelo somphetho wepholigoni. |
| 241 | Vertex | incopho; ivetheksi | 2. The minimum or maximum point of a graph. | 2. Eyona ncam incinci okanye inkulu yegrafu. |
| 242 | Vertical line | umgca ohlayo | 1. A line of the form x = a; i.e. a line whose slope is undefined. | 1.Umgca wohlobo lwe-x = a; oko kukuthi umgca lowo ithambeka lawo lingacaciswanga. |
| 243 | Volume | umthamo; ivolyum | 1. A measure of the space occupied by a three-dimensional figure, given as the number of cubic units needed to precisely fill the figure. | 1. Umlinganiso wesithuba esithathwe sisazobe semilinganiso emithathu, onikwe njengenani leeyunithi tyhubhiki ezifunekayo ukugcwalisa isazobe ngqo. |
| | **W** | | | |
| 244 | Whole numbers | amanani apheleleyo; howulinamba | 1. The set {0, 1, 2, 3, …}. | 1. Isethi engu- {0, 1, 2, 3, …}. |
| | **X** | | | |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 245 | x-axis | eksi-eksisi; x-eksisi; aksis ka-x; iasi ka-x | 1. The horizontal axis of the rectangular coordinate system. | 1. I-eksis enqamlezayo yenkqubo yesilungelelanisi esifana noxande. |
| 246 | x-coordinate | eksikhodineyishini; x-khodineyishini; ulungelelwano luka-x | 1. A signed distance from the origin to a line perpendicular to the x-axis passing through a specified point. See Abscissa. | 1. Umgama osayiniweyo ukusuka kwimvelaphi yomgca othe nkqo ukuya kwi-eksis engu-x egqitha kwincam echaziweyo. Jonga i-absisa. |
| 247 | x-intercepts | eksi-intasepthi; uxabo luka-x; x-intasepthi | 1. The x-values of the points where a graph crosses the x-axis; i.e. for the graph of a function f, the solutions of the equation f(x) = 0. | 1. Amaxabiso ka-x eencam apho igrafu iwela i-eksis ka-x, oko kukuthi ukwenzela igrafu yomsebenzi ongu-f, izisombululo ze-ikhweyizhini engu- f(x) = 0. |
| | **Y** | | | |
| 248 | y-axis | wayi-aksisi; ieksis ka-y; iasi ka-y; y-eksisi | 1. The vertical axis of the rectangular coordinate system. | 1. I-eksis ethe nkqo yenkqubo yesilungelelanisi esifana noxande. |
| 249 | y-coordinate | wayikhodineyishini; ulungelelwano luka-y; y-khodineyishini | 1. A signed distance from the origin to a line perpendicular to the y-axis passing through a specified point. (See Ordinate.) | 1. Umgama osayiniweyo ukusuka kwimvelaphi ukuya kumgca othe nkqo kwi-eksis engu-y egqirha kwincam echaziweyo. Jonga umgca othe tyaba onxusene nasiphi isilungelelanisi. |
| 250 | y-intercepts | uxabo luka-y; wayi-intasepthi; y-intasepthi | 1. The y-values of the points where a graph crosses the y-axis; i.e. for the graph of a function f, the value of f(0). | 1. Amaxabiso ka-y eencam apho igrafu iwela i-eksis ka-y; oko kukuthi, ukwenzela igrafu yomsebemzi ka-f, ixabiso lika- f(0). |
| | **Z** | | | |
| 251 | Zero exponent | iziroeksponenti | 1. A non-zero expression or value raised to the power 0. The resulting value is always 1. | 1. Imbonakalo engenguye unothi okanye ixabiso lenani lokuphindaphinda elingu-0. Isiphumo sexabiso ngamaxa onke ngu-1. |